Umzi ngamnye unendlela yawo yokwenza izinto. Kusapho ngalunye umntu uba noxanduva lokwenza umsebenzi othile. Maxa wambi kuyancediswana, maxa wambi umntu uzimela yedwa kumsebenzi oluxanduva lwakhe. Le misebenzi ayisoloko ithandeka, kodwa kufuneka yenziwe rhoqo. Eminye yale misebenzi iquka le ilandelayo.



## Ukusenga



Xa imazi yenkomo izele iba nobisi lokwanyisa ithole layo.

Ubisi luphuma lunomthubi onceda ithole ngezondlo. Iinkomo iye isengwe ukuze kufunyanwe ubisi. Inkomo emqhelileyo umsengi ayidingi kubotshwa. Inkomo engamqhelanga umsengi okanye endlongondlongo iye ibotshwe amanqina ayo angasemva. Oku kwenzelwa ukuba ingakhabi ibhekile ekusengelwa kuyo.

Umsengi uhlala kwisitulo usoze.  Uye aqale ngokuhlamba iingono zenkomo ukuze ubisi lungabi mdaka. Akugqiba, uthatha ibhekile ayibeke phantsi kwamabele enkomo asenge. Umsengi ngamnye unendlela asenga ngayo aze aqinisekise ukuba uyalishiyela ithole.

## Ukusila umbona



Umbona usilwa xa kusenziwa umgubo Usilwa elityeni elicocekileyo, kusetyenziswa ingqanda engenkulu.  Kugalelwa umbona omncinci kwilitye ekuzakusilelwa kulo. Ingqanda yokusila isetyenziselwa ukucinezela ityumze umbona oselityeni.

Izandla zimane zisehla zisonyuka zicinezele ingqanda ecubha umbona isenza umgubo. Lo mgubo kuphekwa ngawo izityo ezahlukeneyo. Iinkukhu ziyawuthanda umgrayo.  Lo ke ngumbona osilelwa amantshontsho enkukhu.



## Ukungqusha

Ukungqusha yindlela yokwenza umgubo wombona ngokubetha umbona ugubeke. Isingqusho sisiphunzi somthi esixholwe ngendlela ethile, senziwa sanomgxunya omde otsolo. Umbona ugalelwa kulo mngxunya ubethwe ngesingqusho esomeleleyo sentsimbi de ube ngumgubo.

## Ukusinda

Ukusinda yindlela ekucocwa ngayo umgangatho wendlu. Kusetyenziswa ubulongwe benkomo obudityaniswe namanzi. Kufuneka bungabimanzi kakhulu ubulongwe. Xa sele bulungile, bugalelwa phantsi kumgangatho wendlu, kusetyenziswe isandla ukucoca indawo.





## Ukurhida

Ukurhida yindlela ekungcitywa ngayo umgangatho wendlu kusetyenziswa ubulongwe benkomo obudityaniswe nomhlaba. Emva kwexesha elithile, umgangatho uye wonakaliswe zizihlangu kunye nefenitshala. Ukurhida kunceda ngokuhlaziya ubutsha bawo.

## Ukutyabeka

Xa kutyabekwa kudityaniswa ubulongwe benkomo nomhlaba.  Kutyabekwa udonga lwendlu ngaphandle. Umxube wokurhida nokutyabeka uyafana. Aluthambi kakhulu udaka lokutyabeka. Kufuneka luhlale luncamathele xa lubekwa eludongeni. Kusetyenziswa isandla ukuqaba udaka ukuze lubukeke. Maxa wambi abantu basebenzisa ukutyabeka xa besenza imizobo emihle kudonga lwendlu.





## Ukutheza

Ukutheza ngumsebenzi wokwandisa igoqo lekhaya ngokugawula imithi ehlathini. Xa kusiyiwa kutheza kuphathwa izembe, isarha, ingubo yokuncekelela neentambo zokubopha. Omnye wemithi ekhawulezayo ukuvutha nenomlilo ohlalayo nguMnga. Maxa wambi abantu baye bathi nokuba sele betheze eminye imithi, bawutheze noMnga ukuze baphembe ngawo.

Xa abantu betheza bakhangela imithi esele yomile, yona igawuleka msinyane. Umthi uyasarhwa uze ube ziintonga ezithwaleka entloko. Ezi ntonga zibotshwa ngeentambo zingcekelelwe. Ukungcekelela kukuthwala into entloko, uhambe ungayibambanga ngasandla, ingawi kodwa yona.





## Ukurhela

Ukurhela kukusika ingca yokufulela ngerhengqe. Igama lengca esetyenziswayo xa kufulelwa lidobo. Iyingca ende erhabaxa eyomeleleyo. Iye ilindwe de ibe neenkanga phambi kokuba irhelwe. Le ngca iye yomiswe elangeni de yobe nebala layo libe mdaka. Iye ithungwe ukuze kufulelwe uphahla lwendlu.

Yeyiphi imisebenzi yasekhaya oyenzayo noyithandayo? Yeyiphi ongayithandiyo nekukruqulayo?

Ikhona imisebenzi yasekhaya onomdla wokuyifunda?

